

Imvo Zabantsundu

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, SEPTEMBER 5, 1889

[No.251

IXESHA LE BHOLA, 1889. DYER NO DYER

BANQINA into eninzi ye Mphahla ye Bhola, abayite dlakana ukuba ibonwe; kuko nento ezintsha. ekumhla zenziwayo NANGABENZI ABAZINTLOKO.

I-BHATI.

Zika Lilly white, Izipato ze Cane 16s
„ Ezilunge ngapezulu 21s
Ezispeshele 21s
„ Eziketiweyo 25s
„ Duplex Driver 30s
Zika Gobbet's Eziyi Single Cane 15s
„ I Eziyi Double Cane 17s

Zika Cobbet's Cane Zonke 19s
„ Ezenziwe Speshele 25s Bartlett's
ezi Double Cane 13s 6d
„ ezi All Cane 16s 9d
„ ezo Kuncotula 19s 6d Zamadoda
zoku praktisa 5s 6d, 8s
„ Dove Tail (extra strong) 9s

I-Seti Zentsapo 6s 6d, 10s, 12s 6d. I-Stumps
5s 6d, 10s, 12s, 16s 6d.

I-BHOLA ZE KRIKITI.

Ezika Duke ezimitungo ipindiweyo 4s 6d. Ezika Ayer's Ze Match ezimitungo ipindwe
„ extra strong 6s 3d. katatu 9s.
Ezentsapo 2s 6d. „ i Catgut „ 10s.
Ezika Duke ze Match 5s 9d, 6s 3d, 7s „ Lilly white 6s 6d, 7s, 8s, 8s 6d

Zokugecina i Wikiti 6s, 7s 6d, 8s 6d, 8s d, 10s, zenziwa nge twatwa elimhlope—ngolusu
lwebokwe—nge Cold Cape Tan Chamois nentlotyantlotyana zonke ezintsha.
Zobetayo Ezolusu lwe nja 7s 3d, 8s 6d, and 9s. Eze Bhokwe 7s 3d. Eze Buff Chamois 7s 3d.
I New President Batting Glove 9s 6d.

*Impahla entsha engazange yako ye TENNIS, isand' ukunqikwa. Intonga ze
Tennis siqalela kwi 6j6 kuse kuma 30!-*

Imitwalo emikulu yempahla entsha, yase ntlakohlaza
ifika ngo Stemele bonke.

DYER NO-DYER, ABANENGUBO ZAMANENE,

KING WILLIAMS TOWN.

Kotenga i Seti yonke kwapulwa i Sheleni zo mbini e pontini
amanani awodwa kule mphahla. Paula Mlesi!

W. McGLASHAN & CO.,
(MAGALA),

EDIKENI

BAHLALA benezona mphahla zokunxiba zintsha ezona
ntlobo
zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,
ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,

Zonke Intlobo Zabatsatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo
zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha
ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,
E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE,
UBOYA BESEYIBOKWE njalo,njalo
IZILIMO zitengwa ngamani ase Markeni.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.,

KING WILLIAMS TOWN.

PLOUGHS!

KING WILLIAMS TOWN

Plough Beams. Handles, Shares, Bolts, Wheels, etc.

IRON POTS, with long legs.
RED OCHRE

CORRECT SHADE.

COFFEE, TEA, SUGAR, RICE, etc.

ABATSHATILEYO.

MBAMBANI-NO KONGO.—Kutshatiswe,
e Port Elizabeth, ngu Rev. James
Pritchard, ngo July 30, 1889, u NISINI
MBAMBANI, Isoka lase Bhayi, no ANNIE
TYATANGA NORONGO intombi yapesheya kwe
Nciba, enkulu ka Tyatanga. 3it129

NGAKA-NTINGANA.—Ngosuku lwe 9
July, 1889, kutshatiswe e Durban,
Peddie, ngu Rev. Charles Bekwa, u JOHN
JONAH NGAKA unyana ornkulu ka Elias
Ngaka, no ELIZA N. NTINGANA intombi
enkulu ka Petros Ntingana wase Gcebula,
Peddie. 3it199

MQUMBISA-NDUNJWA.—Kutshatiswe
e Johannesburg nge 11 August, 1889,
u KLAAS MQUMBISA no MILIA NDUNJWA ngu
mfundisi wase Wesile. 1i59

KHOTE MDOLOMBA. — Kutshatiswe e
Monti (East London), ngu Rev. John
Magaba, ngo August 27th, 1889, u MATTHEW
KHOTE unyana omkulu weqadi lendlu enkulu no
DORCAS MDOLOMBA eyesibini intombi
ka Paulus Mdolomba. Bobabini ngabase
Tamara. 3it199

ABABHUBHILEYO.

NKONYAKAZI—E Ntlambe Kubhubhe
u EPHRAIM unyana ka Aaron no Leah
J. Nkonyakazi ngo 29 August, 1889. Izihlobo
mazamkele lombiko.

SIGENU.—Kubhubhe u SAMUEL SIGENU waku
Bengu Ebatenjini, ngo August 22.
3it129

BROWNLEE.—E Johannesburg, pesheya
kwe Ligwa, ngomhla wamashumi
amabini kule nyanga ka August, kubhubhe
u JAMES BROWNLEE waseQonce apa, yicesine
yempunga, emnyakeni wamashumi omatatu
anesitandatu wobudala bake. 3it129

UMFI SIGENU.

INTSHUMAYELO yokungcwatywa kuka mfi
SIGENU, iya kwenziwa ku Bangindlala ngu Rev.
E. J. Warner nge Cawa, September 8, 1889, ne
Seplan iya kuya kona. 2it59

Kwi Zicakakazi.

KUFUNWA ISICAKAKAZI esilungileyo,
esiwaziye umsebenzi. Umvuzo
mhle. Ofunayo makaye kwi ofisi ye Mvo.

KUFUNWA ISICAKAKAZI sokubataba
umntwana. Ofunayo woya kwa Mrs.
EVERETT, Arthur Street.

ISAZISO.

NDIYA wazisa umzi wakowetu ose
Maxhoseni, Embo, e Natala nase Dayimani,
ukuba mna. ugama lingezantsi,
ndivule Ikaya Labahambi apa. Yeyona
ndlu ikufupi ne Railway Station, e Kowie
Street, kufupi ne bhuloro ekutiwa yi
Dundas Bridge, apo nofumanisa kona impato
efanelekileyo, izixhaso nokulala
okufanelekileyo, ngamanani apantsi kakulu.
Kuko nesitali samahashe esine groom epapame
kunene, ROBERT XHOLLA,
Kowie Street.

Graham's Town,
28th June, 1889.

Isaziso Kotitshala.

KUFUNEKA i Titshala ezine certificate, okunye
Izinqiniso ezaneleyo zoku
kwazi ukupata umsebenzi wobu Titshala. Kufuneka
abangamalungu e Remente yase Wesile. Abanjalo
mababhalele u Rev. E. J. Warner, Mount Arthur, via
Queenstown. August 29, 1889. 4it269

KUFUNWA Otitshala Ababini Abaneziqiniso,
benezimilo ezihle,
ukuwuqala umsebenzi ngo 8 October, 1889.
Imivuzo ngokulandelelana £34 ne £30 ngo
nyaka. Kubhalelwa ku

REV. J. W. STIRLING,
2it59 Buchanan Mission, Qumbu.

KUFUNWA Ititshala yesikula sase Musa,
Hackney. Umvuzo £60 kudibene
nowakwa Rulumeni, kukwako nendlu
nomhlaba wokulima. Otshatileyo nongatshatanga
ulungile, kodwa kunqweneleka otshatileyo?
Obhalayo makatumele iziqiniso zokuwufanala
umsebenzi ku

REV. T. G. JONES,
4it199 Hackney, Via Queenstown.

BONISANI MADODA!

NDILAHLEKELWE lihashe lam: yinkabi,
yingwevu emdaka, engnti iyiponi, ubuso bufuna
ukuba mhlope, linopau kwindlebe yokunene, icandwe
kancinane ngasemva. Iminyaka mihlanu ubudala.
Lilahleke e Mtata ngobusuku be 16 August.
Olifumeneyo wolitumela kum Esidwadweni,
wovuzwa kakuhle, JAMES TEMBANI,
3int129 Esidwadweni, Tsolo.

ITYALIKE!

INDLU ye tyalike yase Culunca lika
Ntlati yakive ngezitena. Iyakuvulwa
ngo 16th October, 1889. Yonke izihlobo
zicelwa izandla kulo msebenzi
3it199 JONAS NTLATI.

John J. Irvine & Co.,

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s
IBHATYI „ „ —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d
I-Bhulukwe „ „ —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s
Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d
Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)— 16s 9d to
18s 9d.
Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, 1s, 1s 3d, 1a 6d, 2s
Ihempe ze fulaneli—1s 6d, 1s 9d, 2a, 2a 6d
Ihempe zamadoda ezihayinishwayo—2s 6d, 2a 11d,
3s 6

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo)
7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela
asemqumbebenweni). Zisusela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Iprinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, 7d nge yadi
Ikaliko—2d, 8d, 4d, 5d, 6d nge yadi
Ilinzi—4d, 5d, 5 1/2d, 6d nge yadi
Izitofu ezibugqi—6d, 7 1/2d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nenempahla
epilileyo.

JOHN J. IRVINE & CO.,

u-ALUVENI

BAKER, BAKER & CO.

MPAHLA ENTSHA

YE NTLOBO ZONKE.

YE XA LENGQELE!

YE XA LEMVULA!

YE XA LOBUSHUSHU!

YE XA LOMOYA!

Kanize kubona i SUTI.

Kanize kubona i BHATYI ezinkulu.

Kanize kubona i BLANKET ziqalela kwi 1s

Ihempe, iminqwazi esitileyo, Izihlangu, njalo,

njalo, Zitshipu ngapezu koko zaka zanjalo, zisahleli
zifika.

BAKER, BAKER & CO.
EQONCE.

BANTSUNDU!**Bantsundu! Bantsundu!**

NALI iculo lika "Folokoco" lingelilo Elamaqaba Umqolo we Namba, kodwa elika Folokoco yedwa. Lilo eli:—

Kuko Venkile apa e King, Kekalok' impahla yayo Ikup' ezinye everything, Kumbulani Ivenkile leyo.

Umniniyo utiywe ngamakosikazi Ngapandle komteketo Ngo Folokoco,—Manenekazi Yizani ninqwenise iliso.

Zityal' ezetu zaba Tshakazi, Nokwenyani zihleli zodwa,—Amanene, namanenekazi S'thru, inteng' yetu yodwa.

Zibhatyi, zihempe, neminqwazi, Nebhulukwe zezisikiweyo,—Zonk' impahla zamaledikazi : Ngenene zezifanelekileyo.

Siti kwaba batenga kade Ninga dinwa sihlobo zetu Kude kube ngu napakade Nitenga kweya kowetu.

Ningayilibili indawo ekuyo Inkumba ka FOLOKOCO ngezantsi kwe
Scotch Church,
Kingwilliamstown,
Apo niya kumbona kona u Mr.
FOLOKOCO ngokwake (saluf).

B. G. LENNON & CO.,

Abatengisi bamayeza nabenz bawo

E MONTI.

BONA bawatenga pesheya kwabo amayeza.

Benza amayeza ama Bhulu nemiciza yama Xosa. Bawubongoza umzi ukuke uqwa. lasele kulawo alandelayo, abhalwe nge nteto yesi Xosa.

Oka LENNON

Umciza Wokholokholo

Eka LENNON

Umciza Yamazinyo.

Oka LENNON

Umciza we Stepu (wesifo sentsana).

Oka LENNON

Umciza wamehlo.

Aka LENNON

Amafuta ezilonda.

Ezika LENNON

Inggatana zomshakisa.

Oka LENNON

Umciza woxaxazo.

Oka LENNON

Umciza wepalo.

Oka LENNON

Umciza wengozu.

Oka LENNON

Umciza wecesina.

UMTENGISI

E. BLANCK, Cegmani, Transkei.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

COOK Elika Iyeza Lesisu Nokuxaxazo. 1/6 ibotile.

COOK Elika Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe 9d. ibotile.

COOK Elika Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

COOK Ezika' Ipils. 1/6 ngobokisana.

COOK Eka Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

COOK Oka Umciza Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

COOK Oka Umgutyanu Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

COOK Oka Umciza we Cesine. 1/6.

Niqondise ukuba igama ngu

G E. COOK, Chemist,**E QONCE.**

kuba ngawenkohliso angenalo igama lake,

Iiso, Iiso, Mz'ontsundu !

NDILAHLEKELWE ngamahshe am amabini, sinkabi zombini,—ngomhla wa 20 ku August, 1889. Elinye limtuqwa-ntoiya, line skeyi emva kwendlebe yase kohlo, linesiva esifubeni ngase mkonweni wase kunene, linenqina elimhlope kumlenze wangasemva wase kohlo engeitsini. Elinye libomvu line skeyi emva kwendlebe yase kohlo, nenkonjane kwakulo ndlebe, icandiwe indlebe yase kunene, ibunzi lifuna ukuba ralara, uboya kumanqina omane bude, linamacokwana esinqeni. Obonayo wovuzwa kakuhle, makabhalele kn

KALA TSHANGANA,

Nduku,

P. O.,

Engcobo, Tembuland.

August 28, 1889.

BONISANI !

NDIFUN A umyeni wam u SAMKELI ZANGXIKI. Wapuma nyakenye ento. longweni e Kapa. Abahlobo bam abakona mabandibuzisele nakwezinye indawo nase Dayimani. Ondazisileyo ndomhlala. Ndim SARAH ZANGXIKI. Engcobo, 6 July, 1889. 3it199

ILISO LOMZI

(Isebe lase Queenstown.)

LENTLANGANISO iya kudibana e Ko. mani ngolwesi-Hlanu. 27 September, 1889. ngo 7 o'clock ngokuhlwa. Okunye no Mr. Tengo. Jabavu wobako kuyo.

R. T. NUKUNA. Secretary. Queenstown, September 2, 1889. 3it199

WANTED,

THREE NATIVE TEACHERS (either Male and Female) for St. Michael's, Herschel. For particulars apply to the Rev. J. PATTISON, Herschel. 3it199

IZAZISO NGE "MVO."

Umzi wakowetu mawuyi qondisise kakuhle indlela yokuhlalela "IMVO ZABANTSUNDU" ukuba intlaulo Erolelwa Ikwata, xa ifike kwange nyanga yokuqala..... 3s.

Erolelwa Ikwata, ifike emva kwenyanga yokuqala 3s. 6d.

Kuvulelekile ukuba otandayo awuhlalele wonke unyaka kwausaqala. Intlaulo yonyaka ifike kwa usaqala, 12s.

Ngangoko kunokwenzeka intlaulo itunyelwa nge Money Order efunyanwa kwi Post Offices.

KUBALESI BE 'MVO'

UMHLELI ucela Abalesi be MVO ukuba bamtumelo indaba zentlobo zonke ngento ezibonakalayo kwezo ndawo bakuzo. Ukolwa zingxelo ezimfutshane ezitsolileyo.

Iveki.

INANI lezikumba ezifikayo ezitawuni zivela kwivenkile zangapandle, lixela izigigaba ezenziwa kukubalela.

NGENXA yokubalela i transport ayihambiseke pakati kwe Koloni nelilunge Emtata.

KUVAKALA ukuba liyapitizela kwelama Debele ka Mzilikazi. Amabuto agxota abelungu. Mbangi kukuba khlwayelwe into yokuba u Mr. Rhodes M.L.A., no Mr. Rudd, ababenikwe yikumkani ilungelo lokumba igolide, beza nomkosi ozakwahluta ilizwe Amadebele. Ubunyaniso bezindaba bubuye bapikiswa.

AMAWAKA alikulu elinamashumi matatu abasebenzi base Zibukweni lenqanawa e London, bawukalele umsebenzi, bati imali mayinyuswe ibe yi 6d. nge yule, ubupantsi ibe yi 2s. ngemini.

NGO.MGQIBELO ongapaya umsebenzi wakwa lolive e Kapa, u Peek, ufungenwe ebelinga ukubulala umhlokokazi ongu Susan Pedly, abemshweshile, waselezingqamba umqala wafa. Kuko itemba ukuba iyakupila intokazi leyo. Ikwa luselo.

KUTE kwizibuko lenqanawa lase Natal ngomoya omkulu wolwesi-Ne Iweveki egqitileyo, kwatshona umkombe ongu Nary Emily ngobusuku, kwakunye nabantu ababekuyo.

KUKO inteto yokuba uzakwaka i ofisi ezintsha u Rulumeni e Cumakala.

EKUBENI ibhite e Rafu Ijaji izolo, iyakuteta e Bhayi ngo-Mgqibelo 7 September, ze ngolwesi-Ne Iweveki ezayo 12 September ibese Somerset East.

KWIBANDLA le Palamente lapesheya, u Baron de Worms, ipakati elilisekela leli, patiseve Ikoloni zombuso, linike ingxelo ngo-Mvulo ongapaya ukuba ulaulo lwe Nkosazana luvumele u Mr. Rhodes, M.L.A., neqela lake ukubo basebenze ihambale kwela Madebele, kodwa abasakuba namandla okulaula imicimbi yabantsundu, eyakupatwa ngu Rulumeni njengokuba bekunjalo kakade.

NGOKWESAZISO sika Bishop wase Rini zonke ityalike elipantsi kokongamela kwake zibe zimelwe kukhungela imvula nge-Sabata egqitileyo.

U MR. RICHARD SOLOMON, M.A., obeke emele i Qonce e Palamente usate gxada e Ngilani. Uhambe ngomkombe oyi *Athe nian*.

KWISIQINGATA sase Dikeni litotyiwe ixabiso jemihlaba yabantsundu nonyaka libhunga lesiqingata. Eminye kutiwa iyi £3 10/, eminye £6 10/, epezulu £15. Lento yenzelwa ukuba bangabinakubalwa abantsundu eluvotweni. Kanti ke kubekungazanywayo ukuba ingene impi noko.

U MR. A. C. WYLDE imantyi yase Bhayi, iyakupuma edinisweni lakwa Rulumeni ekupeleni kwalenyanga ngenxa yobadala; ngokunjalo uyakupuma no Mr. Van der Reit wase Simon's Town; u Mr. John Hudson imantyi yase Oudtshoorn, ibhubhe nge Salata ongapaya. Kuzakumiswa ima-ntyi ezintsha ke endaweni yezi

SINOSIZI ukuba ukuba u Rev. J. Read, omnci wenzakaliswe ludonga Iwesitali ebe. s'siwa Empofu.

KWELI lingapantsi asiutu yaka yabonwa imvula.

UMONGAMKLI webandla lase Wesile u Rev. J. Smith Spencer nbese Rura, Horton, nge-Sabata ongapaya kwakunye no Rev. Edwin Gedye. Bangenise intlanganiso zika Rona kuleyo ramente ka Rev. Boyce Mama, iminikelo yafika kwi £30.

ABAHLOBO betu bayakuba basinceda kunene ukuba basitumele intwana ezingama tyala abo kwi Mvo ngo September lo.

NGOLWESI-BINI owegqitileyo umatiloshe wenqanawa eyi *Lejizi* uwe pezu kwe deki ebese masini e Bhayi, imbambo zigobele empungeni, Wafa kwayoko.

E BHAYI ivenkile ka Mr. O'Connor yecuba itshe ngobusuku bolwesi-Ne Iwegqitileyo.

ABESUTU abebenyuswe yi nkosana u Mama ukuya kusebenza e Johannesburg bebetenjiswe 25/, umvuzo nokudla ngeveki, bafumene knsiitiwa bayakunikwa 15/. Ute ke u Mama uyagoduka nabo, yati iyambamba i Komponi. Belisayakuteta.

IGQUGULA elipete isiqingata sase Humansdorp, lazisa ukuba nncancato wase Assegai Bush awusafanele kuhnjanwa ngobuxekexwa bawo.

E ALIHAL NORTH kufunwa amakulu amane enqwelo ukulayishela e Johannesburg.

LIMAXONGO kumahlulo wase Zoutpansberg e Transvaal, pakati kwama Bhulu nama Awuwa ka Mahodo. Incwadi abeyitumele u General Joubert kulonkosi uyibuyise no. bhityo Iwenkabi. Imikosi yama Bhulu seyikona.

E KOKSTAD bake bayifumana imvula ekuzeni kufa kweveki egqitileyo.

AMANENE atile amhlope ase Qonce acinga ukuzimanya abe yimbumba eya kurweba ngokutenga ifama kweli lase Maxoseni nase Mbo. Pakati kwawo kukwako no Mr. W. J. Warren, M.L.A., Messrs. Malcomess, Christian, Gray, Landrey, R. W. Rose-Innes, namanye. Besisacinga ukuba lonto ibingaluncedo kumavumbana anuk' indlela angamawetu.

NGE Sabata e Johannesburg kufunyenwe izidumbu Zama Xhosa amabini nesomlungu; omnye umlungu ufungenwe seleqauka eze.

IMHILABA yamadoda amatatu ase Cenyu, Stutterheim, aza kuyihluta u Rulumeni, yaziswe kwelanamhla.

NGOLWESI-HLANU olu yi Timiti nomvumo wase Sauerville, Fortf Peddie.

ITIMITI nengoma ebeyenziwe yi C. C. eyi "Frontier," e Temperance Hall e Qonce ipetwe ngu Mr. Paul Xiniwe, yayipilile babeko kanjako abantu.

AMATYALA okwaba amalungelo okutengisa utywala esisitili ebheleli nge 4 September e Qonce. Amalungu ngu Mr. W. B. Chalmers, Umantyi no Messrs. Fox Mayor), Mr. R. Warren, no Mr. Harty. Eyase Zipunzana imelwe ngu Mr. Harty yedwa ayema. Kutote o Revs. W. W. Rider, T. Roper, no Mr. W. Cebani Mtoba, ukuyichasa, waqetulwa u Kath umninnyo. Sivuyana mawetu. Ezinye ezimbini etawuni apa ziqetulwa ngokunjalo. Huntshu Satana !

Imvo Zabantsundu

NGOLWESI-NE, SEPT. 5, 1889.

Ukuhlaziya kwa Bavoti.

KUZA kuhlaziya incwadi yaba Voti ngesi siqingata sokugqibela salonyaka. Kuyanqweneleka ke ukuba umzi uzilungiselele oko. Indoda kulombuso sipantsi kwawo yaziwa ngokuba libonakala igama layo emqulwini wabavoti. Unga umzi wakowetu unganda ekuyiqondeni lenyaniso inkulu kunene. Intshukumo ebako ngexesha levoti, yona yodwa ibifa nele ukuba sifundo kumzi ontsundu ukuba lento ivoti mayibe yinto oko bade bazikataze ngayo abamhlope. Kukade kushunyayelwa kule mihlati ukuba levoti nguyena Rulumeni. Imiswe yiyo i Palamente evenza imiteto yeli lizwe, lo Palamente yona imisa u Rulumeni, eti imtyumbe kwelona qela, kumaqela akoyo e Palamente, lingaba liyatenjwa ngamadoda atunyelwa e Palamente. Yona i Palamente imiswe ngamadoda atunyelwe ngokutenjwa ngabavoti. Sikulu ke isihlalo ngo Bavoti kulo mbuso wetu. Okuso ungu Rulumeni, ongapandle kwaso, akadlulisele nganto kwidungudwane pantsi kombuso. Sisihlalo ngoko esifanelwe kunonelelwa kunene ngamawetu ukuba ajonge ukuba abekwe esihlalweni sobuntu apa kwa Rulumeni.

Lamagama ayengeniswa nyakamnye apellelwe lixesha, kuzakufuneka ehlaziyiwe: angeniswa ngo-

kutsha. Akwindawo ngoku yokuba angamagama angazanga angeniswa. Amagama ayesilelelwe ngongeniso lwanyakamnye, enemfanelo, kufike ixesha lokuba angeniswe.

Into embi kuyo yonke lento kukuba umntu ontsundu unesihlwele sentshaba pakati kwabamhlope ezisuka zizaliswe ngumona zakubona ontsundu engena ebuvotini naye, ezenza indoda pakati kombuso. Ezintshaba zemfanelo zetu ke ziti kwezinye indawo ezinjengo ma Dike, noma Ngqushwa, ma Bhofolo, ma Cala, ma ! Komani noma Dordrecht, na Magqili, zizidale imbumba zokuchasa ukungena kwabe bala elintsundu ukupendula imicimbi yombuso. Ezintshaba ngabantu abanga singangamakoboka abo, singapenduli ngevoti apo sazeke zitete kona. Kuba kaloku kulombuso akuko mlomo wakupendula entweni zombuso ngapandle kwalo wewoti. Sekutetwa ke ngokumiswa kwezo Komiti kwindawo ngendawo.

Into esinga singayiyaleza bukali kwimizi yakowetu yonke kukuba nayo izidalele ikomiti zamadoda namadodana ayakuba *Liliso Lomzi* kwimbambano ngongeniso lwamagama ezizakubako.

Icebo elingati lingasebenza ngokwanelisayo kukuba kuvele indodana ibenye etshayo ngamalungelo omzi,—namabini namatatu kuqala kumandla ngamnye, izimisele ukuvisisana namadoda awazekayo kulo mandla wakowayo, bati abo bantu nokuba bahlanu bazenze *Iiso Lomzi* eliyakuwudibanisa liwutyele into ekuyivo, uze ke wona uwanike isihlahla sokuba lawo madodana awuzamele iqinga lokupumelela. Esisihlanu si *Liliso Lomzi* masesiba yi Komiti yeso siqingata, eyakuba nendoda epapamileyo, eyakuba ngu mlungiseleli wayo (Sekritari) Oti amanye amahlelo azingenise nge Liso Lo Mzi elo izinto ezinjengama cebo.—Makuti ke kwakubon' ukuba kunjalo Iiso lase Ngqushwa mhlayimbi lakuba limisiwe ngalendlela, lizame ukumisa amehlwana kwizipalupaluka zesosiqingata ngokwazi izitete nenkundlana zazo. Lawo mehlwana mawabe nawo nababhali bawo amadodana atembekileyo, angancediswa yindoda enye namabini kwamakulu. Umsebenzi wala masebe esiqingata Eliso, mawabe kukuhambisa izinto ekufuneka zenziwe kweso situba ngakumbi ukulungiselela izinto ezingaba zigqitywe yi Komiti enkulu eli *Liso Lomzi* kweso sitili.

Iiso Lomzi liyafuneka kwinto ezinjengokungeniswa kwamagama amawetu emqulwini wabavoti nase kuchaseni Inkanti okwenziwa nga Bavoti; nase kwamkeleni amacebo ngento ezikaulezayo zokumelwa komzi. Abantu abantsundu ngapandle kokuba babalulwe ngama gama abakwindawo ezibalulweyo bangasebalelwa kumalungu. Bekungani kungatetwa nto ngento ezinjengentlaulo; makusuke xa kuko indleko kuxelwe emzini, wenze ekuqutyweni yimixhelo ingabi yinto yatyal. Ziko intlanganiso ezinjengale kwiziqingata zonke kungakapukapu ukuwamela amalungelo abantu abantsundu ezintweni zonke. Bezinga intlanganiso ezibe zisingete lomcimbi woku tuma e Kapa zingeze zahlukana zingawulungiselelanga lomcimbi wentlanganiso ezizakufuneka shushu ngexesha lokungeniswa kwamagama abavoti. Xa sisenjenje siyaleza kumadodana akowetu ukuba like libesengxoxweni elicebo silikankanyayo, balate amadlala, balitwabulule abanako. Salata ingongoma kodwa tina apa namhla.

Indleko Yokutuma Ekapa.

Noko kwakutiwe maze abuye ngosuku lwa 31 August amapepa ezindleko, asematandatu abuyileyo nezilandulo. Ukuza kolwanamhla usuku singawabali esasiwakankanye ngeveki egqitileyo singati kufike elase Bhayi, nokurolwe ngu Mr. W. C. Mtoba no Mr. Klaas Ngesi, e Rode kumandla we Qonce, owase Rabula ngo Mr. B. Tontsi, nentwana yase Goshen evela ku Mr. W. S. Mazwi. Yodweliswa yonke epepeni akwanela ukufika amapepa.

SICICELO NGE "MVO."

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela amagama amatsha sizokwandisa ipepa, sifun' ukungati siyasatylwa ngumzi wakowetu. Asibanga naxesha kwelanamhla ukudwelisa esiwafumene ngaleveki. Solindela ezayo.

Siyavuya ukuti esisicelo esabhekiswa kumamkeli ngamnye we MVO ZABANTSUNDU, sicela

UKUSA KUSIHLWA.

(NGU REV. JAMES M. DWANE.)

Ngolwesi-Ne, August 8, 1889.—Ndibentlanganiso yamadoda esikolo apa e Ndwana ngomcimbi we

MFUNKEO YE TAYITILE.

Into ete yasinceda kakulu yincwadi ka Tshambuluka obekekileyo, ete yabaluleka ngomoya wayo ukuba mhle. Kubonakele mhlope ukuba ngelika Rulumeni icala selechopele ukwenza yonke into esingisele komcimbi wokulungisa intlo yabantu abantsundu balomandla. Unga lomoya ongati ungxamele ukubako pakati kwabapati nabantsundu ungandana. Intlanganiso ibeshushu ekubeni makucelwe i Kariti ??? Kuloko ke into embi abantu bakowetu bangayawati *qhusalala!* nakwinto engati ilungile. Kute siasqhuba suka Rhaqa qhapu i ngomcimbi we

INDLEKO ZABATUNYWA.

Ute ukuyingenisa kwake lento watsho ngalusizi ukbonisa ubuhlozo obungaveliswa kukungarolwa kwale mali, nobuhle obuyakaveliswa kukurrolwa kwayo. Kubehle kwabonakala kuye wonke ubani ukuba iyakurrolwa, okwenene kube njalo.

Ngolwesi-Hlanu, August 9.—Namhlanje ndigaxeleke

KWIMBIZO YABA TEMBU

ebipetwe ngu Mantyi kwi gantolo lase Cala. Kwindawo *yokuqala* ndipaula indawo ezitsoliswe yinteto ka Mantyi ekuvleni kwayo intlanganiso, ezokuba makulungiswe imali ze *kariti* ngabantu ukuze u Rulumente azikupe. Wapeta ngelokuba bangambuzi indawo abangaziqondisi. Kwindawo *yesibini* ndipaula ukutsola kwemibuzo ete kokwam ukubona yalata ukuba ipuma kubantu abayaziyo into abayibuzayo. Bate ngengqondo epitikezwe nentobeko nembeko kulowe ubepete intlanganiso, bavakalisa umnqweno wokuba batyilelwe into eziyiyi ezi kariti, nokuba ziyafanana nezama Bhlulu emogolo, nembangoni yomahluko ukuba uku, ngokokodwa xa ummisso we mogolo umnye. Kwindawo *yesitatu* ndipaula impendulo ka Mantyi ebonise ukuba asizizo kariti ezi ababizele zona yena zi Tikiti, zi satifikiti endifumanisa ukuba sezinkwe igama eba Tenjini lokuba zikhakana; ngati noko mna bekungebi naninani bete yimpako. U Mantyi uyivumile indawo yokuba kunikwa itayitile yenene kuma Bhlulu. Kodwa uzame ukuyilungelelisa lendawo ngokuti zidlulisele 16 ukulunga i Tikiti kune Tayitile ngeziyazi ezibalulekileyo ezinje ngeziyo kuzo ngingasoze *niyidilwe* lemihlaba ngamatyala evenkile; kanjako kuyakuba ngenkankulu ukuze kubeko *intengiso* ukuba lemihlaba; kanjalo kuya kuhlala kuko amalungelo okumana *behlelwa*, ekufumaniseka bengena zimilo zihle. Wenze ingcinezelo enkulu kwelokuba ezi tikiti ziyenza lemihlaba ukuba ibe *Ufakafa*. Ute akufika kulendawo yobufa kafa ndapulapula kunene, ndati ngenene yakuba ingavelisi zizatu zokuyitibisa lendawo. Kwindawo yesine ndipaula uvidi lwesibini lwemibuzo efike yalata ukuba ezindawo ate wazikankanya u Mantyi ukuba zezalata ukulunga kwe tikiti zezona kanye zibousisa nosebeleni ukuba umpati wetikiti uhleli ngezimnyama kuba nevenkile zingamli nje zikhohlwe yinto ezingayidlayo kuba lomntu we tikiti akananto iyecake. yilonto angenako nokutengisa. Into ayiyo ungunchotshiswa kwapela. Umntu angacicoza ngangokutanda kwake, kodwa kunqabile ukubujika obubunyaniso. Ukuba bekufunwa ukutintelwa ukubuyisa kwe mihlaba nabelungu nokutengiswa kwayo, makufake ingaku elinjalo etayitileni njengoko bekufudula kunjalo kwezabantsundu. Imibuzo ivelise indawo yokuba kanti no Mantyi akakaziboni ezititiki azincinayo. Kubuzwe imali ye kariti zenene kami mogolo ezi 15, watandabuzela kwi £9 pezu kokokuba ngoku imogolo itotyelwe kwi 1/6. Intlanganiso ivumelene kwelokuba ke kutinyelwe itikiti enye izokubonwa. Ukuba kuko abanokuwuqonda lomcimbi banga bangawucebisa umzi waseba Tenjini msinyane.

Ngo-Mggibelo, August 10.—Ndite kusasa namhlanje kwizindlo ebendihamba ndingena kuzo ndada ndafumanisa into ete yandixaka kanye andabi namavayo. Nantsi: Mandi, fike u Nocava umramentekazi wetu ebuhlungu, noko selesingisela ebubheteleni bokude obqwalale pambi kwendlu. Ndibuzwe ukufa ??? mbambileyo, ute

WENZAKALISWA YINKUNKU

yomnye umzi. Ukuhla kwale ngozi lenkuku imfika esandeni esebenza amazimba; into yokuqala imane ukunqola inkozo kwabuhliwweyo isitya, ude wayipekuzwa ukuba ikwelele, ute kuba umganyana noko kuyo yawayeka lamazimba yaya kuye. Ute akayiqonda into enga icingwa yinkku wotuke sekn lanti xa kaloku ingasatotiwayo nalilipina ilinga lake. Isikati ukuncamisa venza ubungcwango bamaxa ilwa nenye inkunzi yenkuku. Ite ukugqibela yambamba kngonyawo yafaka kunene amajingxeba pantsi kwamnqata ngenxa zombini elunyaweni yamlima kakulu ngomlomo. Lento itate ixesha elide, wada wawa pantsi umfazi kuba kaloku akuko nabani kwesi sanda. Ide yasuka yamyeka kungaseni. Ute nakuba pofu ebope igazi kakulu walala ngendlu zintlungu. Kwabikwa oku kumhlelelo nako Mr F. Gagela no Mr. Martins, kwa nomnini nkuku ubikelwe. Ndisiva, ngati lenkuku ide yapelela embizeni. Into yalenkuku bububi obuxakileyo ngokuba izizatu zesisenzo soburalume obunje kumntu we ramente azivakali. Sentsiti ukufunisela ingabi lenkuku ite kwasebuntshontshweni bayo yamana ukuhlutshwezwa ngenqapukiso lusapo. Noko akubonakali ukuba lenkuku ingenwe yile nkohlakalo kwesi sanda, makube kuko into ebeziyone kumaxesha angapambili.

Nge-Cawa, August 11. — Kute ngenxa YOKUBIKWA BUKALI KOKUGULA KUKA MR. S.

SIGENU

ndakucela ukuya kona no Mr. Renqa kusasa nje, safika xa ingenayo, kwati noko kuba intshumayelo ibingekenziwa, ndayihambisa. Kolwam uluvo yile yinkonzo ekungabangako kuzisola ukuba ndibe kuyo. Emva kwayo ndiyekengena emkuhlane, ndafika umbi kakulu, intsapo yake selikona ngapandle konyana ongu mfundisi. Lomkuhlane

sewunyuke ngokupelisa itemba. Siyasiyalaza esisicaka se Nkosi ukuba sikunjulwe kwimitandazo yama-Kristu.

Ngo-Mvulo, August 12. — Ndibe nentlanganiso nama Bhasitile ngomcimbi we Kariti kute nawo emva kwencwede, agalela kwelokuba kuzanywe itayitile yenene. Ndibone ngo Mr. Renqa semana cwadumzelela ama Basitile, kanti uwakedamele ngendleko zaba tunywa. Yapuma kwa oko

Ngolwesi-Bini, August 13. — Ndibuyela ndaya emkuhlane ka Mr. Sigenu ku Bengu ndafika ngokuhlwa kona. kwaye kusitiwa no Mr. Warner ubeko. Ndifike umkuhlane ukulile kakulu.

Ngolwesi-Tatu, August.—Kuse ndingazi nokuba kuyakusa ubunzima besifo. Kute pambi kwe dinala kwa galeleka u Gqira womlungu, wenzayenza

Ngolwesi-Ne, August 15. — Kubonakele ukuba ndiyokufika ku Cofimvaba, ndanduluka pakati kwamaxala ngenxa yomkuhlane ka Mr. Sigenu endiwushiyi useyilonto, noko ewutwele ngonyamezele ekusekhlani ukuba ulupiwpe pezulu. Ndifikele kwa Mr Tyuluba ngokuhlwa, ndabehla ndeva ukuba u Mzalwana Mzamo uhambisa

IMVUSELELO

